# Sesanina ? Esisimb'onono ?

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Inkohliswano impatwano kubi
Imbandezelo izibulalano
Pambi ko Mgwebi ekangele tina
Koba njan na ?

Ndizakuzongoma ndibuyelela
Ndixelise izulu lase Mtata
Ndode ndiqubu'e noba Lilaukazi
Kuba kakade alinxiwa laluto.

Lento Isisizwe ngomteto we Bhaibhile
Abangcatshi baso mabhubhe bapele
Bagqiba Isizwe bakupa nobuzwe
Bupel' Ubukosi singenwe zizizwe.

Siyay' binza i Afrika makowetu
Ngokuntamana sibulala amawetu.
Seside sanxibake—nemix'aka
Yamawonga abulala i Afrika.

Elonxeba e Afrika libuhlungu
Sesicenga ngamawe[illegible]belungu
[illegible]azintlon' ukutsho
[illegible]nsebenzi nantso nayo itsho.

Naso ke Isimb'onono makowetu
Namigudu nantoni yakowetu
Siyashiywa sitibe'e kukugxeka
Imke ke kupele yona i Afrika.

Ucalulo lukuti kwanokungcatshana
Iq'wesheke, i Afrika sisagxagxisana
Inene singabhanga sike sazipata
Tu nto nabhongo elo lokuzipata.

Zulu ! Mxosa ! Msutu ! Tye lase Mb'o !
Bonke bayafana akunandzwe zimb'o
Emhlabeni kunjalenja bakwantonye
Enhalweni kwaye Sizwe bandawonye.

Nichit' amawenu nincedis' Izizwe
Kuba nje nifuna ukongwa nilizwe
Zonk' imfihlo zetu bazaziswa nini.
Umbuzo manditi koda kube nini,

Sesanina Afrika Esisimb'onono
Mondli ebulawa ngabakowabo
Xa ndilapo Imbongi ke zinoc'uku
Kunokuyeka ukozo lungadli nkuku.

Bangapi o Judas abafe kumdaka
Bedala ngebala layo le Midaka
Madoda nganifakane imilomo
Azi soba yinina seso "Simb'onono"

Nkosi—Sikelela i Afrika
Beta o ntamneni ngezihlisa zodaka
Bavele amabala njengo Lovane
Ufake nopawu ukuze' sivane.

Camagu !